


Kudaladala kwakukho umfana onguMosimane.

Wayebathanda abantu ethetha nabo ngesimilo.
Wayekuthanda ukuya kuphumla ngasemlanjeni.

Ngenye imini eselapho emlanjeni wadibana nenyoka.



“Molo Nyoka,” watsho uMosimane.

“Molo Mhlekazi,” waphendula uNyoka.


Unyoka waxelela uMosimane ukuba angamenza abe sisityebi. Kwakufuneka nje uMosimane athathe uNyoka ambeke entloko kuye aye naye kwindawo ayikhethileyo.

Wayekhangeleka ethembekile uNyoka.



UMosimane wayengumntu olungileyo. Wavuma ukuyithwala ayibeke entloko le nyoka.

Yena noNyoka bawuwela umlambo.



Kwakuwelelwa kwelinye icala lomlambo, uNyoka wacela ukuba bobabini mababe ngabahlobo njengoko iinyoka zingenabahlobo kakade.

Engakhange athandabuze uMosimane wathatha ngokuvuma.

Endleleni badibana noNgcuka.



“Molweni bantu bam,” watsho uNgcuka.

“Molo Mnumzana Ngcuka,” UMosimane noNyoka bavuma ngaxeshanye.

“Niyaphi?” wabuza uNgcuka.

“Siya kwindawo endithanda ukuba siye kuyo,” waphendula uNyoka. UNgcuka wayemangalisiwe.



“Ufumana umvuzo ophucukileyo ngokumbeka kwintloko yakho uNyoka?” UNgcuka wayebuza kuMosimane.

UMosimane zange axelele uNgcuka ngento athenjiswe ngayo nguNyoka.

Baqhubela phambili ngohambo lwabo uMosimane noNyoka.



Kolo hambo lude lwasematyholweni waziva ediniwe uMosimane.

Badibana nomalume Dyakalashe esecaleni komthi owawunomthunzi.

Umalume Dyakalashe wayejongisisa lo Nyoka wayezisongele kwintloko yalo mfana. Zange ayikholelwe loo nto wayeyibona. Waqalisa ukuhleka.



UNyoka wakhalimela umalume Dyakalashe esithi,

“Uhleka ntoni? Kanti oku kuhleka kwakho kungasixabanisa!”

“Mna noNyoka singabahlobo bokwenene!” UMosimane wamxelela ngolo hlobo umalume Dyakalashe.

Kangangexesha elifutshane wacingisisa umalume Dyakalashe. Emva koko waqalisa ukuthethela phantsi.



Nyoka, suka entlokweni yam ukuze ndimve kakuhle umalume Dyakalashe," watsho uMosimane.

Waqhuba esithi, "Nyoka, ndikuthwele ndakuwezela kwelinye icala lalo mlambo, kude kwalapha ndisakuthwele. Uphi umvuzo wam? Bendicinga ukuba singabahlobo."



Wabuza umalume Dyakalashe, “Wena akwazi ukuba iinyoka azithembekanga?”

UNyoka wakuphawula ukuba uMosimane ucaphukile, kwangoko wanyubelezela kwelo hlathi wabashiya.

Wagoduka uMosimane wafika wabachazela abantu ngale nyoka.

Kude kube namhlanje, akakho umntu ozithembileyo iinyoka.